

ISabatha: Ukuyigcina Nokuphila Isimilo SikaThixo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Genesis 1, 2; Eks. 16:14–29; Isa. 58:1–14; Mat. 12:1–13; Luka 13:10–17.

Indima Yenkumbulo:

“Wayesithi kubo, ISabatha yabakho ngenxa yomntu, asingumntu owabakhoyo ngenxa yeSabatha. Ngoko ke uNyana woMntu uyiNkosi yayo neSabatha” (Marko 2:27, 28).

UJodie wayekuphela komSeventh-day Adventist kwiqela lakhe lemfundo yesidanga esilandela imfundo enomsila kwaza ukukhetha kwakhe ukungayi ngeSabatha kwezinye iinkqubo zasekuhlaleni kwenza ukuba iikolelo zakhe zibonakale. Ngenye imini omnye wabahlobo bakhe, uGayle, wambiza. Umyeni kaGayle wayeza kungabikho ekhaya iiveki ezintandathu, waza uGayle wambuza uJodie ukuba akangethandi na ukuchitha naye ubusuku booLwesihlanu abathandathu kunye naye, kuba wayesazi ukuba uJodie “akenzi nto” ngorhatya loLwesihlanu, kakade.

KooLwesihlanu abane abalandelayo batya kunye, badlala umculo, babelana ngamava obuKristu, bakonwabela ukuba kunye. Impelaveki yesihlanu, uGayle wamxelela uJodie ukuba ebebheke edolophini ukuya kufuna iintwana-ntwana waza wakhangele ixesha ewotshini yakhe. Owu, kulungile, wacinga. ISabatha isondele. Kwangoko waqonda ukuba ngooLwesihlanu abane wabe enento entsha awayifundayo kumava akhe obuKristu. Wayekhule, wafunda ngakumbi ngoThixo wakhe, wanobunzulu elukholweni lwakhe. ISabatha yayilithuba lokuphuhlisa imfundo nesi-qu sakhe. Libali elinika umdla wendlela esinokucinga ngayo ngeSabatha njengoko, ingeyiyo imini nje yokuphumla, kodwa nanje ngendlela yokufunda.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaDisemba 19.*

Ixesha Lokukhwankqiswa

Ingaba wakha wamangala ukuba kwathini ukuze uThixo akhethe ukusinika iingxelo ezimbini zeNdalo kwizahluko ezibini zeGenesis? UGenesis 1 ubalisa ngeveki yeNdalo nokukhula kommangaliso womhlaba xa wawunikwa imo, okwaphelela ekudalweni kwendoda nomfazi ngomhla wesithandathu. UAdam usebindini womfanekiso ngoku, yaye yonke into ichazwe njengebekho ngenxa yakhe nomfazi: umyezo, imilambo, izilwanyana, kunye nenkazana. Indalo inzulu kakhulu ukuba inikwe kwingxelo enye. Kuqala sifunda ngoMdali onamandla, onobuchule, oneliso lobuhle obugqibeleleyo. Sibuya sihlngane noThixo wobudlelane, ofuna ukuba uluntu luthandane, lukhathalelane omnye nomnye kwakunye nayo yonke indalo.

Funda: Genesis 1 nesi-2 uze ucinge ngendlela iSabatha yokuqala (Gen. 2:1–3) ethi phaya emva ihlanganise nebali lokuqala lendalo naphambili nebali lesibini lengxelo yendalo yesibini. Iziphelo zakho zenza njani ukuba ukuqonde oko intsikelelo kaThixo yeSabatha nokuyenza ngcwele kunokuba kuthetha kona?

Yiba nombono wakho unguAdam okanye uEva ngaloo Sabatha yokuqala. Ngumhla wokuqala wakho uphilile, umhla wokuqala neqabane lakho, nomhla wokuqala uhleli noThixo. Umhla onjalo wemfundo! Uyamangala xa ubona indlovu ngoku, ibe lisele elilandelayo, iseso isidalwa sifana sodwa. Uyancuma xa ubona imfeketho yendlulamthi okanye yenyathi. Uthi cwaka ukhwankqisiwe yimibala emininzi neemilo, ungxolelwa zizandi zomculo omnandi; uyavuya kumgangatho wolonwabo lobuncwane namavumba, wonwabele ukuhlola-hlola okuhle kwezinto-yinto. Ngaphezu kwako konke, uqala ukufunda ngobudlelane: umthwalo, ukukhathala, ukuthanda. Uxhamla konke unoMdali wakho; uqala ukwenza oko unako konke okudaliweyo. ISabatha yokuqala, yayingenako ukuba ngamava okungenzi nto kuAdam noEva. Yayilithuba elidalwe nguThixo lokuba kuqwalaselwe kuMdali wabo noko kudaliweyo. Yayilixesha lokuba bakhwankqiswa.

Yenza uludwe lamathuba angafaniyo okufunda uAdam noEva ababenawo ngaloo Sabatha yokuqala. Ngawaphi kula mathuba asenokuba afanelekile namhlanje, nokuba kungemo engafaniyo? Angazityebisa njani iiSabatha zakho?

Ixesha Lokufumana Ngokutsha

Xa kwathiwa kuMoses makakhokele amaIsrayeli aphume eYiputa, kucacile ukuba izihlwele zilahlakwe ngumbono wazo wokuba ngabantwana bakaThixo. Badinga ukufumana ngokutsha ukuba uThixo nguYe lo uthi mabamnqule nobanika izithembiso ezininzi zekamva elimangalisayo. ISabatha ingundoqo namava okufunda kuhambo lwabo lokufumana ngokutsha. Kubehle kube ngumqondiso ocace kakhulu kwezinye izizwe wobudlelane phakathi kukaThixo nesi sizwe. Amava emana ashwankathela ingxelo yendlela uThixo afundisa ngayo amaIsrayeli.

KuEksodus 16:14–29, zithini izifundo ezilapho zokufundwa ngamaIsrayeli?

UThixo unika ummangaliso wemana amaIsrayeli, ewanika ukutya okwanele nje imini nganye. Ukuba wayewanike ngaphezu kwaloo mlinganiselo, ayeya kulibala ukuba ngubani umniki wawo. Ngoko ke, yonke imihla wayewenzela ummangaliso, aza akubona ukukhathala kukaThixo. NgeSabatha, kodwa, imeko yayahlukile, kanye kuba imini kwakufuneka ikhethekile. Ngoku, kwenziwa imimangaliso emibini: izahlulo ezibini zokutya ukuze amaIsrayeli amangale ngoThixo owayengumkhululi wawo nokuba afumane ngokutsha ukuba kwakuthetha ntoni ukuba ngabantu bakaThixo.

AmaIsrayeli ayeza kuyitya imana ama-40 eminyaka (Eks. 16:35). UThixo waya wamyalela uMoses ukuba agcine iomere yemana ukukhumbuzisa amaIsrayeli ngendlela awawondla ngayo entlango (Eks. 16:32, 33). Yayiza kuba sisikhumbuzo samava awodwa emini yeSabatha. Zikwakhona nezinye iziganeko xa uThixo esenza kucace kumaIsrayeli ukuba iSabatha ikhethekile. ISabatha yayiyindlela uThixo awamnceda ngayo uIsrayeli ukuba akufumane ngokutsha ukuba angooobani kwakunye noThixo wawo. Kwathiwa mawathobele ayigcine ingcwele iSabatha, kodwa oku kwakukwimeko yokukhulisa ukuqonda okunzulu kwesimilo soMdali wawo okwakhiwa kolwalamano lwaphakade lwesithembiso.

Uthetha nomntwana ofikisayo oyifumana iSabatha “iyindinisa.” Uyigcine kuphela kuba yinto ethi iBhayibhile nabazali bakhe makayenze. Zingcebiso ezithini ongamnika zona ukuze ayifumane ngokutsha iSabatha ingamava amahle okufunda?

Ixesha Lokufunda Izinto Ezihamba Phambili

Amava okuhlwa kunyukwa kukaIsrayeli noThixo ayesondelelene kakhulu nendlela ayenolwalamano ngayo neSatbatha. UThixo wakubona ukungabi nantumekelelo yokuhlonipha iSabatha njengomqondiso wokungadingeki kwaKhe ebomini babo (Yer. 17:19–27). Ukuzinikela okuhlaziyiweyo kwiSabatha kwakuyinxalenye yokubuyiselwa—umqondiso wokuba okubekwe phambili kwakulungile.

Funda: Isaya 58:1–14. Uthini uThixo kubantu baKhe apha, nto leyo ifanelekileyo kuthi namhlanje?

AmaIsrayeli azimise okwabalandeli bakaThixo—kunqulo lwawo, ekuzileni—kodwa indlela yokuphila ubomi bawo akuba egqibe ukunqula ibonisa ukuba ayesenza nje umjikelo oyintshukumo yokuziphatha okulungileyo; akukho ukuzinikela okunyanisekileyo kwentliziyo yoku emthethweni kaThixo. UIsaya uyaqhubeka kwisahluko sama-58 nokwalatha oko uThixo akulindeleyo ebantwini baKhe.

Akuphelelanga apha. Funda: Isaya 58:13, 14. Kutheni uThixo eqwalasela kwiSabatha nje ekupheleni kwesi sahluko? Umprofeti usebenzisa apha intetho efana nezo zisekupheleni kwesahluko sonke: zigcineni “ukungafumani okunanzileyo” okanye “uthethe iintetho ezingeni,” ulumkisa njalo umprofeti. Ngamanye amazwi, iSabatha ayililo ixesha lokwenza unqulo lwesiqhelo, ube uqhubeka neengcinga zakho nokuphila ubomi obungahambelani nolo nqulo. ISabatha kufuneka ibe “sisonwabiso” “izukiswe.” Ngokoko kukwindawo egqibeleleyo esahlukweni, iSabatha ingokonwabela ukufunda ngesimilo neenjongo zikaThixo, kunye nokusiphila eso similo nezo njongo kulwalamano lwethu nabanye. Ukwazi ukuyenza yonke inkqubo yokugcinwa kweSabatha nokunqula akwanelanga. Ukufunda kufuneka kube nenguqu ebomini nokuphila amalungelo aphambili.

Ingaba uyayivuyela na iSabatha? Ukuba akunjalo yintoni ongayenza ukuyiguqula loo nto? Ukufundile na “ukuyihlonipha iSabatha? Xoxa neklasi yakho yeSikolo seSabatha ngokuthethwa koku. Vezani iingcamango eziphathekayo, ezinokwenzeka.

Ixesha Lokufumana Uzinzo

UYesu wawuhlonipha wawuphakamisa umthetho kaThixo (Mat. 5:17, 18). Kanti ke, uYesu wazinika umngeni iinkokeli zenkolo ngenxa yendlela eziwuchaza ngayo umthetho. Akukho namnye umngeni owawusoyikisa kwisimiso ngaphezu kokukhetha awakwenzayo ekugcinweni kweSabatha. Izindlu zesikhungu zazingasilele ekuyenzeni iSabatha ibe lithuba lokufundisa—iTora yayifundwa ichazwe rhoqo. Ababhali nabaFarisi babesazi incwadi yomthetho. Sekunjalo, uYesu wehla nzulu kakhulu kwimfundiso yaKhe yemini yeSabatha kubalandeli baKhe.

Funda: Mateyu 12:1–13 noLuka 13:10–17. Wayefundisa ntoni uYesu ebantwini ngexesha laKhe, nakuthi namhlanje, ngezi ziganeko?

Iimbambano ezazijikeleze ukuphilisa kukaYesu ngeSabatha zakhokelela kwiingxoxo ezibalulekileyo zasemoyeni ngemvelo yesono, isizathu sokufuneka kweSabatha, ulwalamano phakathi kukaYesu noYise, nemo yegunya likaYesu. Ingqondo kaYesu ngakwiSabatha ishwankathelwa kakuhle kwindima yethu yenkumbulo yale veiki: “Wayesithi kubo, iSabatha le yabakho ngenxa yomntu, asingumntu owabakhoyo ngenxa yeSabatha” (Marko 2:27, 28). Wayefuna ukucinezela ukuba iSabatha ayimele kuba ngumthwalo. “Yenziwa” (dalwa) yalithuba elilodwa lokuba abantu bafunde ngesimilo sikaThixo owayenzayo iSabatha baze bayifunde ngamava ngokuxabisa indalo yaKhe. Ngokuvusa imibuzo ngezenzo zaKhe, uYesu utyhalela abafundi baKhe, iinkokeli zamaYuda, nezihlwele ukuba bacinge nzulu ngesiBhalo nangokuthethwa lukhohlo lwabo nanguThixo. Kulula kakhulu ukuba nabani na kuthi aqamangeleke kwimithetho nemiqathango esenokungabi mibi yona ngokwayo, kodwa esuke yasisiphelo yona ngokwayo, endaweni yokuba yindlela esinga esiphelweni—kwaye isiphelo eso ikukwazi isimilo sikaThixo esimkhonzayo. Oku ke ngoko, kukhokelela ekumthobeleni kwethu okunyanisekileyo [uThixo] kusekwe ekuthembeni kwethu okuhle kobulungisa bukaKristu asinika kona.

Kunjani ngokwakho ukugcina iSabatha? Ingaba ukuguqule kwaba yimini yokungenzi oku—yenza oku, kunokuba kube lixesha lokuphumla ngokwenene eNkosini nokuyazi ngcono? Ukuba kunjalo, ungayiguqula njani ukuze ukwazi ukuzisa okungaphezulu uThixo akulungisele kona?

Ixesha Lomzi

UYesu wabenzela umzekelo abafundi baKhe ngesenzo sokuya zonke iiveki endlwini yesikhungu. Emva kokuvuka kwaKhe, baqhubeka nalo mzekelo, njengoko benjenjalo nabanye abalandeli bakaYesu. Indlu yesikhungu yaba yenye indawo ephambili apho abapostile babuza khona imibuzo engoVuko, yaza iSabatha yanika isitshixo esilithuba lokuba umzi ubuthelane ndawonye ufunde. Ngapha koko, uYesu wayenguMesiya ongumHebhere, uMesiya ekuthethwe ngaYe kwangaphambili kwiTestamente eNdala, eyayifundwa endlwini yesikhungu ngeSabatha nganye. Yayinokuba yeyiphi indawo engcono, ngoko, awayenayo amakholwa yokukhuthaza ngoYesu, kunasendlwini yesikhungu ngakumbi xa engqina kumaYuda nakwabanye “abamoyikayo uThixo” (IZenzo 13:16, 26)?

Khangela kwezi ndima zilandelayo. Zisixelela ntoni ngendlela abalandeli bakaYesu abangqina ngayo kumaqonga asesidlangalaleni? Xa ufunda ezi ndima, cinga nendawo ababethetha kuyo, babethetha nabani, babesithini, nokuba zaba njani iziphumo. IZenzo 13:14–45; IZenzo 16:13, 14; IZenzo 17:1–5; IZenzo 18:4.

Ubungqina babapostile babubobeziqu zabo kunye nobasemoyeni. UPawulos uyanaba kwimbali kaIsrayeli, eqalela ngokuthi “Oobawo bethu” (IZenzo 13:17) eYiputa, alande ngembali yabo kususela ekulimeni ilizwe kuse kubagwebi, ookumkani, kuDavide, athe ukusuka kuye wanotshintsho oluhle ukuya kufika kuYesu. UPawulos nabanye babonisa ngendlela awabo amava nokuqonda kwavakala ngayo ngokwaseziBhalweni. Banika ulwazi, baza baphikisana baxoxa. Ukuhlanganisa ubungqina babo nesiBhalo okwakunika ngokushumayela, nokufundisa, nokuxoxa kwaba namandla kakhulu. Njengoko iindawo zeBhayibhile zibonisa, ezinye zeenkokeli zenkolo zazinomona ngegunya labapostile nesiphumo samandla ababenawo phezu kwabantu, bonke abamaYuda nabeeNtlanga.

IBandla iSeventh-day Adventist linembali eqinileyo, nalo, yokukhuthaza ubungqina nokuchazwa kwesiBhalo ngokwenza izinto ezimbini, ukushumayela nokufundisa okanye ukwabelana. Ukuhlanganiswa kweSikolo SeSabatha nenkonzo yentshumayelo nezinye iintlangano zeSabatha (ezolutsha, umzekelo) kunika isiseko semfundo ecwangcisiweyo kunqulo lweSeventh-day Adventist. Nangona oku kudinga ukugqityezelwa ngamanye amava okufunda, kuyafuneka kumava okufunda ngeSabatha.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “ISabatha,” amaph. 281–289, *Ulangazelelo Lwamaphakade*. Akukho simiso sisesinye esasinikelwe kumaYuda esasithambekele ngokupheleleyo ukubahlula kwezinye intlanga njengeSabatha. UThixo wacwangcisa ukuba ugcino lwayo lubahlule njengabanquli baKhe. Yayizakuba luphawu lokwahluka kwabo kunqulo-zithixo, noqhagamshelwano lwabo noThixo wenene. Khon’ ukuze bayigcine ngcwele iSabatha, abantu bona ngokwabo kufuneka babe ngcwele. Ngokholo mababe ngabathabathi nxaxheba kubulungisa bukaKristu.” Xa umyalelo wawunikwa uIsrayeli, “Khumbula umhla wesabatha, ukuba uwungcwalise,” uYehova wabuya wathi kubo, “Noba ngabantu abangcwele kum.” Eks. 20:8; 22:31. Kungaloo ndlela kuphela eyayinokuthi iSabatha imbalule uIsrayeli njengabanquli bakaThixo.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 283. “Ngoko ke iSabatha iluphawu lwegunya likaKristu lokusenza ngcwele. [ISabatha] inikwe bonke abo uKristu abenza ngcwele. Njengophawu lwegunya laKhe lokungcwalisa, iSabatha inikwe bonke abathi ngaYe uKristu babe yinxalenye kaIsrayeli kaThixo.”— *Ulangazelelo Lwamaphakade*, amaph. 288, 289.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- 1. AmaSeventh-day Adventists akholisa ngokuchitha ixesha ethetha ngoku kungamkelekanga ukuba kwenziwe ngeSabatha. Hlela uludwe lwemiba enokubenza abagcini beSabatha baqwalasele kwiimfezeko ezixoxwe kwesi sifundo nezicinezela iSabatha njengamava afundisayo. Umzekelo: “Yintoni endiyenzayo ngeSabatha enokundenza ndifunde ngakumbi ngesimilo sikaThixo?”**
- 2. Cinga ngezi zicatshulwa zingentla zivela kuEllen G. White. Zinika into ethi, asikuko ukugcina iSabatha ngokwesiqhelo okwahlula abagcini beSabatha ekuhlaleni. Bamele kuba njani abantu “abanenxaxheba kubulungisa bukaKristu” baza benziwa “ngcwele”? Kunanto ni yokwenza oku neSabatha?**
- 3. Kungaziphi iindlela onokuthi utyebisa amava akho eSabatha? Phawula imigomo ibe mithathu ethi iqwalaselwe koko ongathanda ukukufunda ngokugcina iSabatha kwi-12 leenyanga ezilandelayo.**